UKHUSELEKO UKUYA NOKUBUYA ESIKOLWENI

ULAWULO LWEZOTHUTHO IWABAFUNDI EKAPA

Isikhokelo sabazali, izikolo, abanikazi-zithuthi kunye nabaqhubi.

Meyi 2016

Ngolwazi oluthe vetshe
malunga nemiqathango
engothutholwabantwana
besikolo thumela i-e-mail ku
transport.info@capetown.gov.za

CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

TDA
SASEKAPA
*UGunyaziwe weSixeko saseKapa
kwezoThutho noPhuhliso lweDolophu*

KUTHENI KUBALULEKILE OKU?

Abantwana abaninzi basemngciphekweni wokonzakala okanye wokufa ngenxa yokuba bathuthwa ngezithuthi ezingekho mgangathweni onguwo, ezigcwele kakhulu okanye zingenalukhuseleko lululo. UMthetho kaZwelonke weZithuthi Ezihamba Phantsi ubeka imimiselo – uluhlu lwemithetho – echapazela wonke umntu ohlawulelwa okanye ofumana umvuzo ngokuthutha abantwana besikolo. Kuxhomekeke kubazali, izikolo, abanikazi-zithuthi kunye –nabaqhubi ukuba basebenzisane ukuqinisekisa ukuba abantwana bethu bathuthwa ngendlela ekhuselekileyo ukuya nokubuya sikolweni.

Ingaba ubusazi?

Inkonzo yezothutho yabantwana besikolo inikezelwa nguye nabani na ohlawulwa okanye ofumana umvuzo ngokusebenzisa isithuthi ukuthutha abantwana ukuya nokubuya esikolweni. Ukuba ngaba unesivumelwano nesikolo okanye isivumelwano sabucala kunye nabazali okanye abanakekeli babantwana, imimiselo yoMthetho kaZwelonke weZithuthi Ezihamba Phantsi iyakuchaphazela nawe.

ULUHLU EKUMELE LUQATSHELWE

Akuvumelekanga ukuba abantwana bathuthwe ngeebhaki, iiveni zokuthutha iimpahla kunye neetrakhi. Isithuthi sakho kumele:

- Sibe ngaphantsi kweminyaka eli-12 sikhona
- Sibe sibhalisiwe, sarhafelwa eNtshona Koloni
- Sihlolwe kwiziko elihlola ukulungela kwezithuthi ukuba zingahamba endleleni rhoqo kwiinyanga ezintandathu
- Sibe nephepha-mvume elikhethekileyo eliqinisekisa 'ukulunga kwesithuthi'
- Sibe namabhanti ezitulo okuba umntwana ngamnye akwazi ukuzibopha kunye nesitulo sokuhlala umntwana ukwenzela nawuphi na umntwana ongaphantsi kweminyaka emithathu ubudala

1. IINGCEBISO KUBAZALI

Ukuba ngaba ubhatala umntu ukuba athuthe umntwana wakho amse esikolweni, qonda ukuba bayayazi na imithetho elawula oko. Khumbula, abavumelekanga ukuba basebenzise ibhaki, iveni yokuthutha iimpahla okanye itrakhi.

"Hlala usazi. Thetha nomntwana wakho ngoko kwenzeka endleleni yabo eya esikolweni."

Imibuzo omawuyibuze:

- Sidala kangakanani isithuthi sakhe?
- Ingaba sibhaliswe sarhafelwa ngokukuko?
- Sagqityelwa nini ukuhlolwelwa ukulungela ukuhamba endleleni?
- Ingaba siphawulwe ngokucacileyo njengokuba "Isithuthi Sabantwana Besikolo"? Njani?
- Ingaba akhona amabhanti ezitulo ukulungiselela umntwana ngamnye kunye nezitulo zemoto zabo bangaphantsi kweminyaka emithathu ubudala?
- Ingaba yeyiphi imvume kunye neziqinisekiso zoncedo lokuqala anazo umqhubi?
- Ingaba zikhona izixhobo zokucima umlilo kunye neebhokisi zoncedo lokuqala apho kwisithuthi?
- Ingaba igama lomntwana wakho likhona kuluhlu labakhweli?
- Xa kunokuthi kuvele ingozi, ingaba umqhubi uhlala enazo iikopi zeziqinisekiso zokuzalwa okanye ezezazisi zabo apho kwisithuthi?
- Uqiniseka njani ukuba umqhubi akayi kulayisha abantwana abangaphezulu kwelo nani isithuthi sakhe sivumeleke ukuba sililayishe?
- Ukuba abantwana bafunda ekhreshi, kwisikolo samabanga asezantsi okanye baneemfuno ezithile ezikhethekileyo, ingaba ukhona omnye umntu omdala ohamba nomqhubi apho kwisithuthi?

"Abantwana bethu baligugu kuthi. Musa ukubeka ukhuseleko lwabo emngciphekweni."

2. IINGCEBISO KUBAQHUBI

Ukuba ngaba uthutha abantwana ukuya esikolweni kwaye uyabahlawulisa ngoko, kufuneka ukuba:

- UbeneMvume yokuqeqeshelwa ukuqhuba (i-PDP);
- Ikhadi lesazisi ekungenakwenziwa lutshintsho kulo nelibonisa:
- Igama lakho
- Inombolo yakho yesazisi
- Ifoto enombala
- Uhlobo lwesithuthi ovunyelwe ukuba usiqhube
- Igama lomnikazi okanye lo mntu unemvume yokusebenza (ukuba ngaba ayinguwe)
- Isiqinisekiso soncedo lokuqala;
- Isiqinisekiso somgangatho wokuqhuba ophezulu okanye wokhuselo;
- Omnye umntu omdala okukhaphayo ahambe nawe apho esithuthini ukuba ngaba uthutha abantwana abafunda ekhreshi, kumabanga asezantsi, okanye abafundi abanokukhubazeka ngokwasemzimbeni, ngokwasengqondweni okanye ukungaboni kakuhle.

"Nasiphi na isithuthi esisetyenziselwa ukuthutha abantwana besikolo kufuneka sibe nemvume efanelekileyo yokusebenza."

3. IINGCEBISO KWIZIKOLO

Ukuba ngaba isikolo senu sikwisitatalo esixakekileyo kufuneka kubekho indawo ethe cebu endleleni nalapho abantwana baya kothulwa baze balayishwe khona, ngokukhuselekileyo. Kananjalo nezinye izithuthi kufuneka zibaqwalasele abantwana abalapho kulo ndawo ziyazi xa kufuneka zehlise isantya okanye zime.

Akunyanzelekanga ukuba zibe nemvume yokuthutha abantwana izithuthi ezisetyenziswa xa kuphunywa nesikolo okanye kwiihambo nje ezithile – ezifana nemisitho yemidlalo. Kodwa noko kunjalo, umqhubi kufuneka abe nencwadi apho kwisithuthi sakhe esiqinisekisa ukuba abantwana bangabafundi abasuka kwisikolo esithile kwanokuba unemvume yokubahambisa.

INGABA USIFAKA NJANI ISICELO SEMVUME YOKUSEBENZA?

Abanikazi banokufaka isicelo sale mvume: KwiGunya loLawulo lePhondo Kwiikona zezitalato iBosduif neVolstruis E-Athlone (Iphepha-mvume ngalinye lixabisa i-R300 kwaye lisebenza unyaka omnye).

INGABA NGAWAPHI AMAXWEBHU AFUNEKAYO XA UFAKA ISICELO?

- Incwadi yesivumelwano kunye nesikolo; okanye incwadi esuka kwinqununu echaza ukuba yimfuno kwenkonzo le; okanye incwadi yemvume esuka kubazali.
- Ikopi yale ncwadi kufuneka igcinwe kwisithuthi maxa onke.
- Inkcazelo ngendlela oza kuhamba ngayo ukuya kuthatha nokubuyisa abantwana, indlela nendlela.
- Iphepha lesiqinisekiso sokuba ungumhlawuli werhafu kananjalo awukho semva ngentlawulo esisuka kwiNkonzo yeeRhafu yaseMzantsi Afrika.

Kuphela ngabaqhubi ababhalise kwisiGqeba soLawulo sePhondo abavumeleke ukuba bathuthe abantwana ukuya nokubuya esikolweni. Luxanduva lwalowo unephephamvume lokusebenza ngezithuthi ukubhalisa, nawuphi na um(aba)qhubi zingekapheli iintsuku ezingama-30 emva kokuba ikhutshiwe imvume.

Ukwenza oko kufuneka ube nezi zinto zilandelayo:

- Ikopi yencwadi yabo yesazisi, imvume yokuqhuba kunye Mvume Yokuqeqeshelwa Ukuqhuba.
- Ikopi yemvume yokusebenza kwesithuthi.

Ukuba ngaba isithuthi siye safa umntu lowo iyeyakhe imvume kufuneka afake imvume yethutyana engenye ngaphambi kokuba akwazi ukusebenzisa esinye isithuthi.

IINTLAWULO EZIZIZOHLWAYO

Nabani na oqhuba inkonzo yokuthutha abantwana besikolo engekho semthethweni unokohlwaywa ngokuba sithinjwe isithuthi sakhe. Kuya kuhlawuliswa ezi ntlawulo zilandelayo zokukhulula isithuthi: I-R 7,000.00 yokukhululwa kwesithuthi ukuba ngaba sisiganeko sokuqala sokophula umthetho; I-R 10,000.00 yokukhululwa kwesithuthi ukuba ngaba sisiganeko sesibini sokophula umthetho; ize I-R 15,000.00 ukuba ngaba sisiganeko sesithathu sokophula umthetho. Ngalo lonke ixesha isithuthi sithinjwa kuya kubakho intlawulo esisohlwayo eyi-R 2,500.00 ngesiganeko ngasinye sokophula umthetho.